

## UCWANGCO NENKULULEKO

I-PSI imela uxolo, inkululeko kunye nelungelo lokuzikhethela labantu kumzabalazo wophuhliso loluntu kwihlabathi lonke.

Oku kuquka ukusebenzela ukubhentsisa kunye nokuvala umsantsa phakathi kwamazwe aphuhlileyo nalawo asaziphuhlisayo kwakunye nokuphelisa inkqubo yongcikivo eqhutywa zizizwe ezithile, amaziko angoovimba behlabathi bezimali kunye nookopolotyeni bezizwe ngezizwe.

## UKULINGANA, UBULUNGISA NOKUZIKHETHELA

- I-PSI ikhuthaza ukulingana, ubulungisa nokuzikhethela, kwaye ilwisana nazo zonke iintlobo zobuhlanga nocalucalulo.
- I-PSI ineenjongo zokubumba imigaqo ngqubo neenkqubo zokulingana kwabantu nobulungisa kwinto yonke esiyenzayo.
- I-PSI ineenjongo zokwandisa intatho-nxaxheba yabantu bomthonyama kwimizabalazo yethu.
- I-PSI izinikele ekubeni ifikelele kumyinge ongama 50 ekhulwini abasetyhini abathatha inxaxheba kumanqwanqwa ethu kwaye ilindele oko nakwiimanyano ezingamalungu ayo.






i-**Public Services International** ingugalel'ebhayini weemanyano omele abasebenzi abazizigidi ezingama 20 abafazi namadoda asebenzela ukunikezela ngeenkonzo ezingundoqo zikarhulumente kumazwe angaphezu kwe 150. Amalungu ethu asebenza kumasebe entlalo-ntle, ezempilo, oorhulumente basekhaya, embindini karhulumente nakumacandelo karhulumente afana nelamanzi nelombane.

I-PSI ilwela amalungelo abantu, iququzelela ubulungisa eluntwini kwaye ikhuthaza ukuba iinkonzo zikarhulumente zifikeleleke. I-PSI isebenza neZizwe eZimanyeneyo ngokubambana nemibutho yabasebenzi, abahlali neminye imibutho.

**Public Services International**
45, avenue Voltaire, BP 9
01211 Ferney-Voltaire Cedex
FRANCE

Ucingo: +33 450 40 64 64
Umnxeba/ifeksi: +33 450 40 73 20
I-emeyli : psi@world-psi.org
Umnatha: www.world-psi.org

# SISEBENZELA IIMFUNO ZABANTU




Umfanekiso: Mac Urata

Public Services International
Internationale des Services Publics
Internacional de Servicios Públicos
Internationale der Öffentlichen Dienste
Internationell Facklig Organisation för Offentliga Tjänster
国際公務労連




Umfanekiso: Mac Urata

# UKULINGANA. ISIDIMA. UBULUNGISA

Iinkonzo zikarhulumente ezisemgangathweni zibalulekile kuluntu apho wonke ubani aphila ngesidima nentlonipho.

Wonke umntu kufuneka afumane iinkonzo zempilo ezimfaneleyo, ithuba lokufumana imfundo esemgangathweni, ukulingana emthethweni, kwaye akwazi nokuphila kwiimeko ezinika ubomi obude.

Xa oongxowa-nkulu abanamandla noosozimali befaka uxinzelelo koorhulumente ukuba banyenyise kwimithetho elawulayo kwaye bathengise umsebenzi karhulumente, iinjongo zabo kukwenza ingeniso. Uluntu luhlawuliswa imirhumo exhomileyo, kugquba imigangatho ephantsi yolondolozo lwendalo, nokunganyaniseki kuluntu.

Yiyo loo nto i-Public Services International isilwela iinkonzo zikarhulumente kuluntu lonke lwehlabathi. Sikholelwa ukuba ezinkonzo zidlala indima enkulu ukuxhasa iintsapho, ukudala impilo entle kuluntu, nokwakha ulawulo lwesininzi nolingano.

Yiba nathi kulo msebenzi ubaluleke kangaka!

## AMANDLA ESININZI

I-Public Services International yasekwa kwiminyaka engaphaya kwekhulu eyadlulayo ngonyaka ka 1907.

Namhlanje i-PSI izingca ngamava, iimbono namandla amalungu ayo azizigidi ezingamashumi amabini, isebenza ngokubambisana ngezandla nabanye ukulwela iimfuno zoluntu ezibalulekileyo.

Undlu-nkulu wethu useFrance, kumda we French -Swiss kufutshane neGeneva.  Sizimilisile nakwiingingqi ezi zezi zilandelayo: Barbados, Belgium, Brazil, Chile, Colombia, Costa Rica, Czech Republic, Ecuador, India, Japan, Lebanon, New Zealand, Romania, Russia, Singapore, uMzantsi Afrika, Togo, Ukraine kunye ne-USA.

Siyazingca ngokuthatha izigqibo ngokwentando yesininzi. Amasebe ethu adibana enkomfeni qho emva kweminyaka emithathu enyule iSigqeba Esilawulayo, aqulunqe inkqubo esisiseko somsebenzi we-PSI. Iikomiti zabasetyhini ziququzela kumanqwanqwa ekuthathwa kuwo izigqibo kwihlabathi, kumazwe nakwiingingqi.

i-PSI isebenza ngeelwimi ezintandathu – IsiNgesi, isi-French, isiJamani, isiJapan, i-Spanish nesi-Swedish, kwaye ivelisa yabelane ngolwazi ngezinye iilwimi ezininzi.

## UKWAKHA IIMANYANO EZINAMANDLA EZILAWULWA NGENTANDO YESININZI

I-PSI ixhasa iimanyano ezingamalungu ayo kwiinkqubo zophuhliso noqeqesho ukuze sakhe izakhono eluntwini nokubambisana kwihlabathi lonke.

Sisebenza ngokubambisana neemanyano ezingamalungu ethu ukulwela amalungelo azo okusebenza ngokusemthethweni nokuxoxa nabaqeshi ngokukhululekileyo, ukukhusela amalungelo abasebenzi, ukulwela ukulingana ngokwesini, ukulingana kunye nesidima kubantu bonke.

i-PSI ikhulisa amandla eemanyano ngokwenza oku kulandelayo:

- ukuququzelela ukuzimanya kwabasebenzi embuthweni;
- ukulwela amalungelo eemanyano zabasebenzi bakarhulumente namacandelo karhulumente onke;
- ukufaka ifuthe kurhulumente; ukuze
- zikwazi ukuzimela nokuzenzela imigaqo-nkqubo yazo neziseko ezomeleleyo, ezokuthi zikhokelele ekubeni iimanyano zizimele zikwazi nokuzikhulisa ngokwandisa inani lamalungu  nokuqinisa amanqwanqwa azo entando yesininzi.

## AMAZWI ETHU AVIWA KWIHLABATHI LONKE / IZWI LETHU LIVAKALA KWIZWELONKE

I-Public Services International isebenzisana namalungu kunye namahlakani ayo ukulwela ubulungisa kwezoqoqosho nentlalo-ntle, iinkonzo zikarhulumente ezifikelelekayo nezisemgangathweni kwihlabathi lonke.

## SISEBENZELA IIMFUNO ZABANTU

I-Public Service International ikhankasela oku:

- Ubulungisa ekuhlaleni
- Ukucutha intlupheko nokuhlangula abantu abasematyaleni
- Amaqonga okuxoxa nabaqeshi ngokukhululekileyo
- Ukulingana ngesini nokiqinisa ukulingana kwinqubo zengqesho
- Iimanyano eziqinileyo neziyimbumba
- Unikezelo ngeenkonzo zoluntu ngamaxabiso afikelelekayo endaweni yezo zabucala ezenzelwe ingeniso
- Iinkonzo zikarhulumente ezisemgangathweni kumntu wonke

## OKULUNGILEYO KUMNTU WONKE

I-PSI iyazingca ngokuba isebenzisana nebhunga lehlabathi leemanyano kwiphulo elithi “Iinkonzo zikarhulumente ngoku!” phulo elo likhuthaza uqokelelo lwerhafu olufanelekileyo njengesixhobo sokukhulisa ingxowa karhulumente yokunikezela ngeenkonzo. Zibonele umqulu weenkonzo zikarhulumente waseGeneva nezinye izixhobo zokusebenza ku www.QPSActionNow.org

## IMANYANO NAMALUNGELO ABANTU

I-PSI ilwela ukuhlonitshwa kwamalungelo eemanyano namanye amalungelo nenkululeko yabantu, intando yesininzi, kunye nobulungisa kwihlabathi jikelele.